Isalathiso: 20170126-7695
13/7/1/2
Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0008/2017

Iya: KuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*IMG*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu, kwiiNtloko zamaCandelo ezeMbali, kwiiNtloko zamaCandelo ezeMbali nakootitshala bezeMbali beBakala 12

Isihloko: ISikhokelo soviwo se*History* seBakala 12 sika-2017-2019: Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)

1. Kwacelwa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke kwiSetyhula E3 ka-2017 ukuba uthathele ingqalelo isikhokelo soviwo se*History* seBakala 12 sika-2017-2019.

2. Isikhokelo i-*2017 History Examination Guidelines* sithatha indawo yesikhokelo soviwo sika-2014.

3. Iinkalo ekugxininiswa kuzo kwikhontenti ye*History* zitshintsha qho ngeminyaka emithathu ukuqinisekisa ukuba kufundiswa zonke izihloko ezikhankanywe kwiiNkcazelo zoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements*) (*CAPS*)).

4. Makubhekiswe imibuzo ngesikhokelo i-*History Examination Guidelines* ka-2017 kuNks B Tobin nge-imeyili: Bridget.Tobin@westerncape.gov.za okanye ngefoni 021 467 2251

5. Abafundi abaya kubhala uviwo lwe*History* ngoJuni 2017 kwizifundo ezithile kunyaka omiyo ezinye kunyaka olandelayo ngokwenkqubo i-*Modulated Examination Option* baya kuvavanywa kwikhontenti ka-2014-2016.

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala be*History* beBakala 12 abasesikolweni ukuze bakuthathele ingqalelo.

7. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yakho malunga noku.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
KUSEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-30